



Ikamva-Ukunonophela  
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

**Isihloko sesifundo: Abapostile bokuqala bexesha lesiphelo  
babiziwe**

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



# Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso esithi “**Abapostile bokuqala bexesha lesiphelo babiziwe**”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo eliska kwi-WhatsApp: <a href="https://bit.ly/3NACSSH">https://bit.ly/3NACSSH</a></p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"><li>• iBhayibhile</li><li>• Isifundo esikwimo yePDF eselete ilungisiwe</li><li>• Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl.</li><li>• Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela</li><li>• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso)</li></ul> <p><b>Qaphela:</b></p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemvu kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!</p> <p>ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufunu naluphina uncedo okanye ufunu nasiphina sisixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



# Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekaka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apha wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. <b>Umzekelo:</b> Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono Iwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku....)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

## Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



## Isifundo

**Isihloko seSifundo**

Abapostile bokuqala bexesha lesiphelo babiziwe

**Injongo yesifundo**

Abantwana bafunda indlela ababizwa ngokuba ngabapostile bokuqala bexesha lesiphelo.

## Isishwankathelo sesifundo:

### Intshayebole:

Kwesi sifundo siza kufunda indlela abaPostile belixesha lokuggibela ababizwa ngayo. Siza kunika ingqalelo:

- Kukubizwa kweenkokheli zomoya eAlbury
- Ukubizwa kukaJohn Bate Cardale kwisikhonzo sobuPostile
- Ukubizwa kwabaPostile abongezelelwego
- Ukungwaliswa kwabapostile

Intsus:

Kumacandelo amaninzi aseNgilani naseScotland amaKrestu akholwayo avela kumabandla ahlukaneyo ahlanganisana kwintlanganiso yokuthandazela ukucela uMoya oyiNgcwele. Bathandazela neziphozekhonzo njengakwibandla lakuqala. EScotland, amakholwa amabandla ahlukaneyo nawo abelana ngokulindela umsebenzi owongezelelwego woMoya oyiNgcwele. Ukubonakaliswa kokuphilisa, ukuthetha ngeelwimi kunye neziprofeto kwenzeka kwisangqa sabo kwaye kwaqwalaselwa ngokubanzi.

Kwamanye amabandla la maqela eendibano zokuthandaza ayenyamezelwa kodwa kwamanye agxothwa kunye nabafundisi (abakhathaleli bemiphefumlo/ iinkokheli zebandla) abebaxhasayo.

Elinye lala maqela, ladibana eAlbury, idolophu engaphandle kweNgilane

### Umxholo:

#### ***Ubizo Iwezikhonzo zomoya eAlbury***

Kwintlanganiso yomthandazo ngomhla we-20 Okthobha 1832 uHenry Drummond wabizwa njengoMalusi neNgelosi yebandla. Ingelosi ngeloxesha yayithetha ukuba yinkokeli, ke ngamanye amazwi, wayeya kuba nguMphathi webandla. Abanye babizwa ngokunjalo: UWilliam Caird njengoMvangelu kunye noJohn Bayford njengoMdala. Kwisiprofetho (ukuxela okuza kwenzeka / ukwazisa kwangaphambili) kwatyhilwa ukuba la madoda makalinde ade amiselwe ngumpostile ngaphambi kokuthulula iisakramente. Kude kube ngelo xesha babenokushumayela nokuthandaza kuphela.

Amakholwa ayeħlangane eAlbury ngaphandle komfundisi kuba ayegxothiwe kumabandla abo. KuHenry Drummond bafumana uMalusi, kwaza kwasekwa ibandla.



Nangona babengekabikho abapostile, ukubhekisa kubaPostile kwakusele kwenziwe kwisiprofetho. Ezi nkakheli zazibiziwe kwafuneka ukuba zilinde ukumiselwa nguMpostile ngaphambi kokuba zisebenze ngokupheleleyo njengeenkoheli, umzekelo. Ukuthulula iisakamente.

### ***Ukubizwa kukaJohn Bate Cardale kwisikhonzo sobuPostile***

Ngomhla ww 31 Okthobha 1832 uJohn Bate Cardale waba ngowokuqala ukubizwa njengompostile ngesiprofeto sikaHenry Drummond ngexesha lomhlangano womthandazo. Ngomhla we 7 Novemba 1832 uThixo watyhila ubizo IwaKhe kwakhona, ngesi sihlandlo ngomprofeti uTaplin.

Amakholwa othuka ngubizwa koMpostile. Babecinga ukuba isikhonzo sobuPostile sasibigcinelwe ibandla lakuqala kuhela kwaye babengazi ukuba kubaluleke njani ukwayamaniswa nolubizo.

Kwadlula iiveki phambi kokuba uMpostile asebenze kwisikhonzo sakhe. Ngomhla we 24 Disemba 1832 ngexesha lenkonzo e-Albury waphembelewa nguMoya oyiNgcwele ukuba abeke izandla zakhe kuWilliam Caird noHenry Drummond. UJohn Bayford naye wamiselwa kodwa kwinkonzo yamva.

### ***Ukubizwa kwabaPostile abongezelweyo***

NgoJulayi 1835, abanye abapostile abalishumi elinanye babizwa. Omnye wabo wakhetha ukungalamkeli ubizo. Ngexesha lenkonzo yombhiyozo, ukungcwalisa (phantse njengokumiselwa) kwabaPostile kwenzeka. Kule nkonzon bakhululwa kuxanduva Iwabo ebandleni kwaye babekwa ukuba basebenze njengamagosa eNkosi kulo lonke ibandla likaKrestu.

### ***Ukungcwalisa kwabapostile***

Ukungcwalisa kwabaPostile ngelo xesha kwakwahlukile ekumiselweni koMpostile njengoko sikwazi ngoku.

KungeCawa kusasa umhla we 4 Julayi 1835. KwiBandla eliseMbindini eNgilane ibandla elikhulu lalihlangane, lilinde iNkosi. Umhla wawukhethwe ngesiprofetho iminyaka emithathu enesiqingatha ngaphambili. Kangangeentsuku ezisixhenxe babeblanganisene ukuze bathandaze ekulindeleni isiganeko esikhulu.

lingelosi emva koko zabeka izandla zazo kubaPostile kwaye, phantsi kwamazwi entsikelelo, zabangcwalisa “ngenxa yomsebenzi, ababebizelwe wona yiNkosi”.

### ***Isiphele:***

Namhlanje uMpostile uyamiselwa kwisikhonzo sakhe ngokubekwa kwezandla kunye nomthandazo apho athi afumana igunya elifanelekileyo lesikhonzo (umzekelo, ukuthulula uMoya oyiNgcwele nokumisela iinkokheli).



## Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Esi sifundo sisenza ukuba sazi ngelifa lethu lobuKrestu kwaye ngakumbi indlela abaPostile bokuqala bexesha lethu (hayi ibandla lakuqala) ababizwa ngayo.
- AmaKhristu athandazela izipho zoMoya oyiNgcwele kanye nezikhonzo.
- Ngemithandazo kanye nokholo, amakholwa abanamava ngesipho sesikhonzo.
- Ibandla elakhokelwa ngabaPostile laphuhliswa.

## Nalu uluhlu Iwabapostile abalishumi elinambini bokuqala bexesha lesiphelo.

Name of the twelve Apostles	Year of birth	Month in which they were first called
John Bate Cardale	1802	October 1832
Henry Drummond	1786	January 1833
Henry King-Church	1785	April 1833
Spencer Perceval	1795	December 1833
Nicholas Armstrong	1801	January 1834
Francis Valentine Woodhouse	1805	August 1834
John Owen Tudor	1784	February 1835
Henry Dalton	1805	March 1835
Thomas Carlyle	1803	May 1835
Francis Sitwell	1797	May 1835
William Dow	1800	June 1835
Duncan Mackenzie	1785	July 1835

## Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

*Thixo othandekayo, enkosi ngale mini*

*Sikelela bonke abazali kanye nabantwana*

*Kunga singeva ubukho bakho*

*Sikelela isifundo esiya kuba naso*

*Nceda usifundise sikukhonze njani*

*Kwaye sincede senze intando yakho*

*Ukuze sisondele kufuphi kuwe*

*Thumela uYesu ukuze asiphuthume*

*Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana na Ye*

*Amen*